UMBUTHO WABASEBENZI MGODINI

# U MONGAMELI WE NUM, uQabane James Motlatsi ethetha ngembali yengcinezelo emigodini

U Mongameli we NUM, uQabane James Motlatsi ebetyelele abasebenzi mgodini eyekuthetha nabo ngemiba ebalulekileyo nechaphazela bona. Uphakamise amanqaku abalulekileyo kwintetho zakhe abeziwisa kwintlanganiso zeninzi nakwitlanganiso ezohlukeneyo e *Vaal Reefs No.8 Shaft*, Hartbeesfontein, Buffeslfontein nase Kloof. Amanqaku athathwe kwinthetho zakhe:

Ngaphezu kweminyaka elikhulu yengcinezelo nongcikivo edlanzeni zabaqeshi migodini ehlangene phantsi kwe Chamber of Mines babulele izigidigidi zabantu ngendlala nangokubabeka kwindawo ezingcolileyo nabangazihoyanga. Abasebenzi mgodini baqeshwa kulo lonke ela Mazantsi e Afrika baqhubeke nokukhiqiza ubutyebi obuphila igcuntswana elincinci labelungu abanezigidigidi eziphinda — phindeneyo zamarandi. Umsantsa wobutyebi nowobuhlwempu phakathi komlungu nomntu omnyama usahleli umkhulu kakhulu ukuba ungavalwa ngezinqulo (slogans) nangemithandazo. Njengokuba abelungu besiya betyeba, abantu abamnyama baya ngokuhlupheka neemeko aphila kuzo ziya ngokubambi *kakhulu.*

Iminyaka emininzi abasebnzi mgodini babebulawa ngeemeko zokusebenza nangemivuzo yendlala eyayibekwe kubo ngabaqeshi bemigodi. Ubukho bezi hostela sisikhumbuzo sohlobo lwengcinezelo yabaqeshi bemigodiyase Mzantsi Afrika. Imbali ifundisa thia ukuba ayikho into ehlal'ihleli. Amadabi aphunyelelweyo ngumbutho wabasebenzi mgodini (i NUM) ekuphuculeni imivuzo yabasebenzi mgodini kunye neemeko zokusebenza ayokuhlala ebubunqina obuyinyani ezimbalini.

I Britane yayikhe yalilizwe elinamandla orhwebo ilawula amakhulu ezigidi apha e Afrika nakwamanye amazwe, kodwa ngoku imeko ijikile. Kwakhona ne Rhodesia eyayilawulwa ngu Ian Smith owathi ngo 1968 wafunga ukuba ulawulo leninzi lokuba phezu kwesidumbu sakhe. Namhlanje i Zimbabwe lilizwe eliphilayo elingenakubulawa mntu nakuba u Ian Smith esaphila ezihlelele emzini wakhe kunengcwaba.

## INDIMA EDLALWE YI NUM

I NUM ineminyaka esithoba izelwe kwaye ukusukela ngoko iimeko zabasebenzi mgodini ziphucukile, nangona singekoneliseki. Ngenxa yombutho wethu sibenakho ukubuyisela isidima sabasebenzi mgodini. Ninakho ukucela umgeni kwizinto ezenziwa ngabaqeshi bemigodi namhlanje kuba kaloku uyawazi amalungelo akho njengomntu osebenzayo. I NUM sisikolo sabasebenzi mgodini bonke sokuba bazixhobise ngokwabo ngengqondo ezikhululekileyo. Ikwasisixhobo nekhaka lenu nonke nakubeni leliphina utshaba elizokwehlulwa.

*Umanyano lwabasebenzi lubalulekile ukuba* sifuna ukufumana iimpumelelo ezibonakalayo emzabalazweni wethu wemivuzo ephezulu, immeko eziphucukileyo zokusebenza kunye nekamva elikhululekileyo. Siphantsi kohlaselo lwabaqeshi bemigodi abasebemisele imfazwe ekubhataleni imivuzo ephilisayo. Imivuzo ephantsi seyaba ngumiselo wabaqeshi bemigodi. Nangona eminye imigodi yegolide ijongene nengxaki.



Cde. JAMES MOTLATSI — President NUM

## INUM NOPOLITIKO

Intshaba zethu zixakekile ngokutyala umsantsa kwalapha kuthi ngokuthi i NUM yintlangano yezopolitiko. Ngokuzama ekwenza umbutho wethu ubebuthathaka, i NUM yenziwa ngokufana ne ANC. Eli phulo lobuxoki, lobuvuvu lamampunge kungoku liqhubeka kuyo yonke imizimveliso yemigodi. Liphantse linxulumane neli lokusasaza kobuxoki bokungafuni umbutho phakathi kwenu lokuba ukhe wajoyina i NUM ngokugqinisekileyo ugxothiwe okanye udendiwe. I NUM asiyiyo intlangano okanye umbutho wezopolitiko. Yintlangano yabasebenzi esekelwa ukuba ilwele iimeko ezingcono zokusebenza kunye nemivuzo. Nangona kunjalo, masingayilibali into yokuba imithetho yenziwa ngamabhulu okokuba ilawule ubomi bethu apha emsebenzi naku Mzantsi Afrika uphela. Abasebenzi mgodini nabo ngabantu abaphilayo abanemfuno zokulawula ubomi babo. Lilungelo lenu lokuba niqqibe ngendlela elizophathwa ngayo ilizwe kuba ngaphandle kokwenza njalo imithetho eyokuwiswa iyokuchasa imfuno zenu kwaye kuyokunyanzeleka ukuba uyithobele. Kunokuba ubalekele kude kwi NUM ngenxa *nyopolitiko, kungcono ubalekele kuyo kwaye i* ANC izokugqinisekisa ukuba amalungelo akho alungiswa nguwe hayi omnye umntu.

Ingcinezelo yocalucalulo kunye nongcikivo lwabaqeshi alwazi nto ngobuhlanga bakho ngqa bakuhlahla njengontu omnyama. Ngethuba amaqabane e ANC ebehlaselwa e Matola — Mozambique, e Maseru — Lesotho nase Botswana ngumkhosi wase Mzantsi Afrika (SADF) abantu balo mazwe nabo bebebulawa. I ANC yazimisele kumzabalazo wenkululeko sukela ngo 1912 kude kube namhlanje. Ukuba lo nkululeko ayikhongcono netshutshiso yocalucalulo, kungoko uzokuba nazo zonke izizathu zokungajoyini i NUM okanye i ANC ungajoyinela i National Party ka De Klerk. Siyayivuma into yokuba imeko ekhoyo yopolitiko iyagugquka. Njengombutho onembali yomzabalazo wedemocrasi sinenxaxheba yokuqwalase *kakuhle yonke imeko ukuze sibenakho ukudlala* indima ebonakalayo. Ukuhlangabezana nale meko i NUM izokubiza intlanganiso yopolitiko kuthethwe ngendlela eya phambili ngokwemiba yophuhlisa ikamva lezopolitiko e Mzantsi Afrika. Njengangoku nizokuhamba apha nengene kumnyango ngomnyango wegumbi le hostela nisasaze ivangeli yomanyano kunye nenkululeko. Bonke abasebenzi mgodini abazithandayo iintsapho zabo kunye nabantu bakhe ajoyine i ANC kunye namasekela ayo ukugqinisekisa kokoyiswa kukarhulumente ka De Klerk. Bonke abasebenzi mgodini bazithanda nyani iintsapho zabo bajoyine i NUM ngoku, ukulungiselela amadabi anzima asalele ngaphambi kwethu, amanye amacandelo emizimveliso yemigodi isavuna imveliso enkulu ngaphandle kokubhatala imivuzo ephilisayo ekubuyiseleni ukubila negazi labasebenzi mgodi. Namhlanje onke amacandelo *—edayimani, elahle, eplatinum,* iron ore, athetha ngendlala ngelithuba abasebenzi benyanzeliswa ukuba bavume imivuzo yendlala. Abaqeshi bazibona begqinisekile kwaye benamandla kunamandla abasebenzi okuziphindezela. Le nkohlakalo ibangelwa kukuba tyefetyefe ngokobulungu be NUM kwezinye imayini.

## KWABANGENGAWO AMALUNGU (OKHWELA SEWUBHATELE OKANYE OKHWELA SIYAHAMBA)

Abangengawo amalungu ngabona bazirhuluwa ezisetyenziswa ngabaqeshi ukuqhubeka nengcinezelo kunye nengcikivo yabo. Aba basebenzi ngabona baxhamlayo kumzabalazo oliwe ngamalungu e NUM elwela bona. Xa usiya entlanganisweni nakwinkongolo zokwakha umbutho wakho ezingcukudu zihleli ebharini nakumabala emidlalo. Ngexesha wawuhamba ekhayeni lakho, usuka kwindawo ezikude ezifana ne Transkei, Lesotho ne Mozambique uthe ufuna ukusebenzela isithandwa sakho. Nangona kunjalo, ekufikeni kwakho,uvumela wena ugcinwe ebumnyameni nasendlaleni ngokungajoyini umbutho olwela amalungelo akho. Oku ngazi kubi kangaka bukhuthuze iimali zentsapho zabasebenzi mgodini ngenxa yabo yokuxhamla ekulwelweni nango kuphunyeleliswa ngumbutho wenu.

Kude kube namhlanje, amawakawaka abasebenzi mgodini abakawazi amalungelo *entsapho zabo xa efile, onzakele,* ediliziwe okanye egxothiwe. Amaxhoba ala mashwa okonzakala nengozi alahlekelwe zizigidi zamaradi ngenxa yokunqongophala kwengxelo enyanisekileyo nolwazi. Ekugqibeleni, iba zintsapho, abantwana, abazali kunye nezihlobo ezisokolayo. Lento yenza amampunge intetho yakho yokuthi uyokusebenzela isithandwa sakho. Ngokungabi nanxaxheba ekhutheleyo kwimicimbi yombutho uba lutshaba elingaqondakaliyo entsatsheni yakho. Unyaka emva konyaka, iimali ezingafunwanga ziya eziseleni zorhulumente wocalucalulo, ngelithuba bekufanele iintsapho zabasebenzi mgodini ibe zizo ezixhamlayo.

Iba yingxaki ngethuba abasebenzi mgodini abayi 177 bebulewe e Kinross ngo 1986. *Ngaphezu kwe 172 abantu abamnyama* abafayo kule ntlekele, yi 92 kuphela ababengamalungu e NUM. I NUM ithathe amanyathelo asemthethweni nge Genmin ukumela abo bafayo yaze yaphumelela isixa semali eqondakalayo. Nangona kunjalo, eyona nto ebelilishwa kukuba ngenxa yokunqongophala kolwazi kwizihlobo eziswelekelweyo, i NUM ibe nokufumana izihlobo eziyi 40 kuphela. Kuqhubeka ntoni ngentsapho eziyi 132 nazo ezixhamlayo nkumzabalazo we NUM ingaba bawujoyina umbutho okanye bashiya ingxelo zamalungelo abo kwiintsapho zabo. Omnye umzekelo ocacileyo wentlupheko eziswa kukungazi kukubhatalwa kwe R2 million yi AAC kumaxhoba agxothwa ngobuninzi ngethuba logwayimbo lika 1987. Uninzi lwabo basebenzi mgodini lusuka e Mozambique alufumanekanga ukuzokuthatha *isabelo sabo se R2 million ebhatelwe yi AAC* kwi NUM kude kube namhlanje. Kuyingozi ukugcinga ukuba umqeshi wakho ngumbutho wakho. Abaqeshi kuphela banomdla kukubila nasegazini lakho ngokuzenzela imali eninzi. Xa ufile okanye wonzakele bakulibala ngokukhawuleza, beke ecaleni ukuya emngcwabeni e Maseru okanye e Umtata.